1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo Lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo. | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi. | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama 50
   ICANDELO B: Imizuzu engama 30
   ICANDELO C: Imizuzu engama 40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A noB ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

### ISICATSHULWA A

**UVELWANO**

1 Nawuphi na umntu obenokuthi ashumayele ngovelwano, ukuze ithi intshumayelo yakhe intshulise izithombo zovelwano ebantwini ngale mihla, angathatyathwa njengomntu ongoyena wenze into enkulukazi. Kaloku uvelwano oluqulathwe yiyo yonke intlalo yakudala esiXhoseni, luthe shwaka. Lubiwe ziimpembelelo zobomi bedolophu nobasemLungwini. Singangabantu abayintoni ukuphulukwa luvelwano oluyenye yeemfihlelo ezibaluleke gqitha endalweni?

2 Uvelwano luzalwa luthando. Le nyaniso iqinisekiswa libalana endakhe ndalifunda. Kuthiwa wathi uYohane oNgcwele sele emdala kakhulu wacelwa ukuba aye kuyala indimbane yabantwana. Kangangobudala bakhe wayengasakwazi ukuhamba. Wathwalwa ke ngamadoda amsa kule ndawo wayeza kuthetha kuyo. Kuthiwa yazama ukuphakama indoda enkulu, ngemizamo emikhulu. Abantwana bawancina amehlo bamthi ntshoo, iindlebe bazithi ntaa ukwenzela ukuba bawabambe onke amazwi ayeza kuwa kuloo milebe yayingcangcazela, bavisisise naloo ntetho yayiza kwenziwa ngelizwi elidekedeke lobudala obugqithileyo, ‘thandanani.” Bonke abantu bothuka. Bambi bathi nqa ukuba bangasindwa ngumntu bemzisa ukuba axhobise abantwana, aze yena athethe eli lizwana. Abanye babantwana badanduluka bathi, ‟Akukho nto yimbi uza kusiyala.

3 Ukuvelana nomntu akufanele kuphelela ekumveleni kuthi ngaphakathi okanye ezingqondweni zethu qha. Lowo simvelayo masimncede simphungulele loo mthwalo umsindayo. Akukho buhlobo apho kungekho luvelwano lulolu hlobo. Ungadakumbi, udane kangangokuba uzimisele ukungancedi nawuphi na omvelayo xa uthe akwafumana no-enkosi lo, emva kokumnceda umntu. Abanovelwano mababanyamezele abanje.

4 Kuzo zonke izinto ezinokwenza umntu abe nothando komnye, ayikho egqitha uvelwano. Kukangaphi ebomini bethu sibona umntu eguqulwa imo yakhe lilizwi elithambileyo nenkangeleko esuka kulusu oluvuza ububele, **imo ebingenakuguqulwa zizigalo**, izithuko nezinyeliso? Uvelwano emntwini luthi lukhule lude lube luvelwano emzini ngokubanzi. Olu ke luzonda ukuphakamisa

abo bongqulwe yindlala nokutsala nzima kunye nokusasaza impucuko ebantwini nokuzama ukungciba iintanda ezisezindongeni zemitshato yamakhaya ngamakhaya.

5 Olu ncedo luxanduva olubekwe emagxeni omntu ngamnye ngenxa yale nyaniso. Sidalwe asalingana ngeziphiwo. Omnye akanakho nokuba sethanda ukuba angafunda aye kufikelela emagqabini kwezobugqi nezinye. Wumbi uyoyiswa kukulondoloza iisenti ade abe sisityebi nokuba senelo bhongo. Ongenakufunda aye kufikelela kwiincwadi eziphambili uthi kanti unesiphiwo somsebenzi wezandla njalo njalo. Xa kunje ke **lowo** ube nethamsanqa lokutyeba ngemali nemfuyo, nokuba nengqondo ebukhali kunabanye, makathabathe intwana aphe abalambayo, aphe abangenazinkabi indima.

6 Into ecace nasebudengeni yeyokuba ukungabikho kovelwano kuduba-duba intlalo. Izityebi zizithi geqe kwizilambi, nezilambi kwizityebi. Loo nto ibangela ukuba iinzima neengxaki zabatsala nzima zingaziwa kanye kanye okanye zingakwazi ukulikhathaza ngokwaneleyo iliso kuzo kuvakala laa ntlungu itsho kuthi xhokro entliziyweni. Yile ke enokubangela umntu abone kuyindima yakhe ukunciphisa intlungu yabatsala nzima. Udidi lwezityebi luzigcinela kulo uvelwano nobunkokheli lube olwezilambi luzigcinele inkonzo nembeko. Yile ntswela luvelwano ebanga okokuba bathi abasebenzi xa befuna ukonyuselwa imivuzo baqhankqalaze. Iba buhlungu intliziyo xa ubona umsebenzi ongaphangelanga ngoMvulo kuba egulelwe ngumfazi egxothwa emsebenzini. “Musa ukucinga ukuba obo buqhinga bokuthi ugulelwa ngumfazi ndiza kubukholelwa, “Thabatha iibhatyi yakho uhambe”’ Into ecacileyo akufun’ukusebenza, baninzi abantu abadingayo. Uvelwano lufuneka ngamandla nangamandla kuthi thina bantu bantsundu beli loMzantsi Afrika.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'NDITHUNGILE SELANI', ebhalwe ngu:Tom D.V., amaphepha 87–94,sahlelwa]

**ISICATSHULWA B:**



[Sicatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch]

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A**

**Jonga kumhlathi-1**

1.1 Chonga ibinzana elinentsingiselo enye neli 'iziphumo ezihle' (1)

**Jonga kumhlathi-2**

1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

Uvelwano luzalwa …

A yintiyo

B luthando

C luxolo

D ludano (1)

1.3 Yintoni emangalise abanye kule ntetho kaYohane? (1)

**Jonga kumhlathi-3**

1.4 YINYANI/BUBUXOKI ukuba ukuvelana nomntu kufanele kuphelele ekumveleni kuthi ngaphakathi okanye ezingqondweni zethu qha? Xhasa impendulo yakho ngokwesicatshulwa. (2)

1.5 Shwankathela lo mhlathi ngesivakalisi esinye. (2)

**Jonga kumhlathi-4**

1.6 Nika isichasi segama 'nothando' (1)

1.7 Caphula izivakalisi ezibonisa ukuba uvelwano luyosulela. (2)

1.8 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili. (2)

**Jonga kumhlathi-5**

1.9 Chaza imiceli-mingeni ekhankanyiweyo apha abaye badibane nayo abanye abantu ebomini. (2)

1.10 Uyangqinelana na noluvo lombhali olukrwelelweyo? Xhasa impendulo yakho (2)

**Jonga kumhlathi-6**

1.11 Ingaba la mazwi omqeshi kulo mhlathi aveza oluphi uluvo lombhali ngabaqeshi? Xhasa impendulo yakho (2)

1.12 Thelekisa uvelwano lwezityebi nolwezilambi (2)

1.13 Chaza ukungabikho kovelwano ngokwalo mhlathi**.** (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA B**

1.14 Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso? (2)

1.15 Xa uqwalasele okwenzeka kulo mfanekiso ingaba lukhona uvelwano Phakathi komqeshi nomqeshwa? Xhasa impendulo yakho (2)

1.16 Thelekisa indlela oluchazwa ngalo uvelwano kwisicatshulwa A nendlela oluboniswe ngalo kwisicatshulwa B (2)

1.17 Ucinga ukuba uvakalelwa njani umntu omileyo kulo mfanekiso. Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

**UMBUZO 2: ISISHWANKATHELO**

ISICATSHULWA C sithetha **ngeendlela zokugcina nokuphucula ubudlelwano bosapho.** Shwankathela unike iingcebiso zokugcina nokuphucula ubudlelwano bosapho.

**QAPHELA**:

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unakho.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**IINDLELA ZOKUGCINA NOKUPHUCULA UBUDLELWANE BOSAPHO**

Usapho lungachazwa njengabantu ababini nangaphezulu abazalanayo nabathi bahlale kunye amaxesha amaninzi, babeneenjongo ezinye nabasebenzisanayo ukuphumeza iinjongo zabo. Ungabugcina ubudlelwane bosapho ngokulandela ezi ngcebiso zingezantsi:

Nxibelelanani rhoqo nibeke yonke imicimbi elubala. Ukunxibelelelana kudlala indima enkulu kubo nabuphi ubudlelwane. Kubaluleke ngakumbi kokwabantwana nabazali. Oko kunceda ekubeni nazane nilusapho zonke izicwangciso zenu futhi nincedisane ngokuza nezisombululo ezakhayo.

Yonwabani nonke nilusapho. Hlekani , culani, bukelani umabonakude, mamelani umculo phekani,dlalani imidlalo kunye nilusapho. Zipheni nexesha lokuncokola nishukuxe imicimbi eqhubekayo. Xa nikwazi ukuhlala ngolo hlobo ningasombulula nayo nayiphi ingxaki enivelelayo nilusapho lwelizwe.

Yibani noxolo. Siyamoshana, kodwa masiqinisekise ukuba siyaxolelana, siqhubeke nobomi. Akukho namnye umntu odalwe wagqibelela. Singaqumbelana xa sicaphukisene kodwa okubalulekileyo masisoloko sixolelana kumatyeli onke. Sikhangele ukuba singenza ngcono njani ukuze sibe lusapho olonwabileyo.

Kubalulekile ukuba kwinyanga nganye kubekho usuku okanye iintsuku zokuhlala komntu wonke ekhaya kungayiwa ndawo. Ngezo mini kufuneka wonke umntu abekwiipijama imini yonke kungabikho mntu uvumeleke ukuba aphume. Usuku olulungela wonke umntu nguMgqibelo ngaphandle kokuba kukho loo nto ithile ibandakanya usapho kwenye indawo.

Yabelanani ngemisebenzi. Wonke umntu makabe nomsetyenzana awenzayo ekhayeni nangona kunjalo akuthethwa ukuba akungencediswana kuloo nto yabelwe omnye. Ukuncedisana kwandisa eliya xesha lokonwaba kunye kuba ugqitywa msinya umsebenzi. Ukwabelana ngomsebenzi kuncedisa nasekubeni wonke umntu abe noxanduva nomsebenzi wekhaya akwaziyo ukuwenza.

Xhasanani kuyo nayiphi iprojekthi omnye anayo. Ukuxhasana makubekwe phambili lusapho,umzekelo ukuba omnye udlala umdlalo othile esikolweni, ngeemini zokhuphiswano phumani nonke. Xa ningenakuxhasana akakho omnye umntu onokwenza njalo ngokuthembekileyo. Lowo uthatha inxaxheba kolo khuphiswano ukuzithemba ngakumbi xa amalungu osapho lwakhe ephume ngendlu ukuza kubukela yena.

Mayibe luxanduva lomntu wonke ukusebenza nzima ukubumba, ukubuphucula nokugcina ubudlelwane bosapho. Yima nkqo nakweyiphi imingeni ejongene nosapho lwakho. Qinisekani ukuba anisayi kuze nahluleke naphantsi kwayo nayiphi na imingeni. Usapho luyinto yonke ebomini.

[Sicatshulwe kuvimba wabevi]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA D**




3.1 Ingaba umzobo wokutya kule ntengiso uwayamanisa neliphi ilungu lomzimba? (1)

3.2 Ijoliswe koobani le ntengiso? (1)

3.3 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwefonti enkulu xa kubhalwa uphawu lwesikhuzo kule ntengiso? (2)

3.4 Kuzisa ngcinga yiphi ukusetyenziswa kwenenekazi elibukekayo kule ntengiso? (2)

3.5 Khetha impendulo engangqinelaniyo kwezi zingezantsi. Izinto ezandisa ubomi ebantwini ziquka oku kulandelayo:

A Ukuzilolonga
B Ukutya okusempilweni
C Ukulala kakhulu
D Ukusela amanzi (2)


3.6 Xa uqwalasele indlela oluziphethe ngayo uninzi lwabantu baseMzantsi Afrika ucinga ukuba luyakulandela okucetyiswa kule ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ingezantsi ingoLutho nonina uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**




[Icatshulwe kwi-intanethi www.zitscartoons.com, yaguqulelwa yaze y*ahlelwa*]

4.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Inyanga ekubhiyozelwa ngayo usuku lweValentine ngu …

A Janyuwari
B Febhruwari
C Matshi
D Epreli (1)

4.2 Chaza ukuba kuqhubeka ntoni kulo mfanekiso (1)

4.3 Yintoni ebonisa ukuba iqamza elikumntu wesithathu uyacinga? (1)

4.4 Nika umsebenzi wamachokoza amathathu akwiqamza lokuqala. (1)

4.5 Xela imiceli mingeni ibe mibini eziswa ngucimicimi wombane. (2)

4.6 Xa ucinga livela phi eli nenekazi.? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.7 Ucinga ukuba le nto kacimicimi wombane yinto efanelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: IPROZI

Funda ISICATSHULWA F, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**U-ENKOSI'OSUK'ENTLIZIYWENI**

1 Kule mihla uninzi lwabantu *luxhalabele* kakhulu iziqu zabo. Oko kuchasene kakhulu nomoya wokuba nombulelo, athi umntu xa enawo acingele nabanye, aluvakalise lula ixabiso ngezinto ezilungileyo ezenziwa ngabanye. Uya kufumanisa ukuba, ukuba ufundisa ukuba nomdla onyanisekileyo kwabanye, uluvakalise ngokukhululekileyo nexabiso lwakho ngabakwenzayo, uya kuba ngumntu owonwabileyo.

2 Ukungabi nambulelo kugawula kanye ezantsi kweyona nto iyimfuneko ukuze siqhubeke siphila, ukuncedana. Umntu ngamnye engumntu anguye akanakuba nobuchule kwinto yonke eyimfuneko ukuze ubomi buphileke. Akakho umntu onezinto zonke. Bambalwa phakathi kwethu abafuna ukuba ngamakheswa, okanye abangaphila bodwa. Ke **omnye** uyimfuneko komnye.

3 Imigudu yethu yokunceda abanye ithatyathwa lula ngabo bantu sibancedayo, xa abantu besisebenzela <u>bentshingintshingi</u> ebusweni ukanti bayahlawulwa ngomsebenzi abasenzela wona, sithi sizama ngoku<u>zi</u>misela ukwenzela umntu ububele asuke asikrokrele, sithi sakubonisa ulwazelelelo kwabanye sisuke sicingelwe ukuba senziwa bubuthathaka, kusuka ke ukungabi nambulelo kwabo kubethe kufike entliziyweni. Ukuba kwakha kwenzeka oku kuwe, uyazi ukuba kwenzakalisa kangakanani ukungaxatyiswa kwemigudu yakho yobubele.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi "RHWEBA UBULUMKO" ebhalwe ngu: O.S. Dzingwa, 8-49, saze sahlelwa]

5.1 Guqula isenzi esibhalwe bukekela sibe kwimo yesilanduli. (1)

5.2 Xela isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.3 Xela umsebenzi wesimamva esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

'Ukungabi nambulelo kugawula kanye ezantsi kweyona nto iyimfuneko…ukunced<u>ana</u> (2)

5.4 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.5 Sebenzisa igama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esipheleleyo linike intsingiselo eyahlukileyo kuleyo ikwisicatshulwa. (2)

5.6 Sisigaba sini sentetho igama elikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo?
'... <u>xa</u> abantu besisebenzela bentshingintshingi ebusweni ...' (2)

5.7 Sisetyenziselwe ukubonisa ntoni isihlomelo esibhalwe bukekela kwesi sivakalisi silandelayo?
'... kusuka ke ukungabi nambulelo kwabo kubethe kufike *entliziyweni*.' (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO: C 30**

**AMANQAKU EWONKE: 70**